

ICORONAVAYIRASI

MASIYINQANDE inganwenwi

- Xa umntu onentsholongwane yecorona ekhohlela naxa ethimla, ushiya intsholongwane phezu kwezinto. Le ntsholongwane inwenwa xa uthe wabamba kwiindawo ebezikelele zafikelelewa zizandla uze wena uziphathe ebusweni, emehlweni, empumlweni okanye emlonyeni ngazo.
- Ukucoca nokufaka isibulali zintsholongwane kwimiphezulu yezi ndawo kuya kunceda ukunciphisa ukunwenwa kweCOVID-19, ngakumbi kwiindawo ezifikelelewa qho zizandla njengezibambo zamacango, amaqhosa eATM nezitulo zeteksi okanye iindawo nemiphezulu yezinto kwikhaya lakho naxa kukho umntu osuleleke yintsholongwane yecorona.
- Ukucoca kususa uthuli/ukungcola, ukufaka isibulali zintsholongwane kutshabalalisa iintsholongwane kuqukwa nentsholongwane yecorona.

Indlela yokucoca nokufaka isibulali zintsholongwane kwimiphezulu yezinto

- Nxiba iiglavu xa ucocayo naxa ufaka isibulali zintsholongwane. Ukuba iiglavu ayizizo ezilahlwayo, phinda uzisebenzise kuphela xa ucocayo naxa ufaka isibulali zintsholongwane.
- Xa imdaka imiphezulu yezinto, qala ngokuzicoca ezi ndawo ngamanzi anedithenjenti okanye isepha namanzi. Sisule idithenjenti okanye isepha ngaphambi kokufaka isibulali zintsholongwane.
- Ukubulala iintsholongwane, sebenzisa umxube weblitshi owenziwe ngeetispuni ezine (4) zeblitshi kwilitha enye -1 (iikomityi ezine - 4) zamanzi.
- Faka iblitshi kwiindawo eziyimiphezulu yezinto uyiyeke imizuzu emibini (2), emva koko uzisule ngamanzi.




Iblitshi iyingozi

- Ungayixubi nezinye izinto zokucoca iblitshi.
- Ungayiginyi okanye ungayiseli iblitshi.
- Yibeke kude ebantwaneni.
- Vula iifestile neminyango xa usebenza ngeblitshi ukwenzela ukuba kuphume ivumba.



Ukuba kukho umntu onentsholongwane yecorona ekhayeni lakho, zama ukukuqanda ukunwenwa kwayo:

- Coca ufake isibulali zintsholongwane kwimiphezulu yezinto ezisedlwini (iitafle, izitulo, izibambo zamacango, iiswitshi zombane, ii-remote, imiqheba/izibambo, iidesika, iithoyilethi, iisinki) yonke imihla.
- Wakuba ugqibile ukufaka isibulali zintsholongwane, lilahle ngoko nangoko ilaphu okanye amaphepha okanye iiglavu ezilahlwayo uzifake eplastikhini enkulu ukuthintela ukunwenwa kwentsholongwane yecorona.
- Lumkela ukuphatha ubuso bakho ngexesha ucocayo naxa sewugqibile.



Wakuba ugqibile, hlambisisa izandla zakho ngesepha namanzi imizuzwana engamashumi amabini (20).

liHotline:

0800 029 999 okanye **021 928 4102** okanye **0800 111 132**

WhatsApp **“Hi”** uthumele ku-**060 012 3456**

Ukufumana ezinye iinkcukacha:
www.westerncape.gov.za/coronavirus

